I Mbongi ye Sizwe Jikelele: *Imvo Zabantsundu* (10 February 1936), page 3

**U-Kumkani u Joji wesi Hlanu**

Umhla we 14 kuyo lenyanga yom Qungu, eyinyanga yokuqala, kuwo lomnyakana ka 1936, ngumhla oyakusoloko unebala, ngenxa yesiganeko sawo sokususa elizweni iNgangalal' Enkulu—uGeorge V wase Britani Enkulu kwa nezi Thanga zayo.

Sawabon' amaf' efingiza,—
Ed' abethane nangamabunzi;
Sazibon' inkwenkwezi ziwasazela,
Zizizantanta ngokwamantshontsho,
Ngokwamantshontsh' ebon' ukhozi;
Sawabon' amaroz' ehexa,
Emi mangqangq' eyek' ukuroza.
Wafipal' uCanzibe;
Lamnchumev' iKwezi,
Iyemk' Ingangalal' Enkul' engatshonelwa Langa!

Mhla kwagilek' ilanga
Ladend' ukuphuma;
Lisaz' isiganekokazi;
Sokulila kwenkuku zokupinda.
Yangcangcazel' inyanga ngokoyika,
Yoyik' umbuzo wonyana babantu;
Xa bati "Nyanga Phendula,—
"Bekwenzeke ngokuthinina "Kwimikhosi yonke yezulu?
Iyemk' ingangalal' Enkul' Engatshonelwa Langa!

Mhla lahex' ihlabathi,— Kwakhal' imiqadi neentsika.
Zagoqoz' iziseko zalo, Zaw' izixhaso zehlabathi;
Warhabax' umgqumo wolwandle.
Zaqhekezan' induli zamaza;
Axengaxeng' amandT eNyanga,—
Ayabi nakuzibumb' iinduli zamaza;
Yanguqukulubod' indalo ka Thixo,

Ukumka kwe Ngangalal' Enkul'Engatshonelwa Langa!

Mhla kwahlab' umban' osimanga,—
Wathi ngxi kuzo zon' imbhombho zelizwe
Zaquban' izikumkani zomhlaba,
Zawohlok[1]' iiterone zangamavithi.
Zantywilantywilek' iziqiti zeelwandle
Mhl' iindlovu zasezilwandle,
Yat' iminenga yasemahlathini;
Iintlanzi zaty' incha ngokweenkomo,
Imivundla neembila zasezizibeni;
Ukumka kwe Ngangalal' Enkul' Engatshonelwa Langa!

Yiyeken' ingabaliswa ndim
Mayibaliswe zizukulu zezizukulu;
Imbhali yokumka kuka Joj' wesi Hlanu.
Umzukulwana ka Fitol' iLungakazi,
Lingelunga ngokwenkomo,
Lilungakazi kuba lalilungile.
Ndiyekeni bantu bomhlaba,
Kuk' iint' ezingathethekiy' elizweni;
Lontemekana womnyakana,—
Sewumke ne Ngangalal' EnkuT Engatshonelwa Langa!

Awu!!!
Ndiyekeni zi Ntaba nani zi Nduli;
Ndiyekeni milambo yelizwe;
Namhl' iintaba zizakuba yimilambo,
Imilamb' izakuba zintaba.
Namhl' iinduli zizakuba ngamathafa,
Ama thaf' azakuba zinduli.
Ilitye liwubethil' umfanekiso,—
Zingqondi yizani sifanekise.
Imkil' Ingangalal' Enkul' Engatshonelwa Langa!

[1] Zawohlok'

Hamba Soganga noko sitshoyo!
Hamba Magob' egungxula,
Mbhambhalal' ephezu kweziziba,
Eyoyikwa nazi Mpundulu.
Usaya kulaul' izizwe ngezizwe,—
Kwizw' elizayo lemimoya.
Bafikil' abafo bakho kwi Afrik' ese Zantsi
Barobile, beva, babona,—
Nal' usapho luka Ntu ludwelile,—
Ludwelel' ukumangal' eBritani
Namhl' isigwebo basilindele:
Makadl' Ubom uKumkani.
A,—Zweliyazuza!!!